



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 11**

**NOVEMBA 2018**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA  
OLONGEZELELWEYO P3**

**AMANQAKU:** 100

**IXESHA:** 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linama CANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A: Izincoko	(50)
ICANDELO B: Imihlathi emide	(30)
ICANDELO C: Imihlathi emifutshane	(20)

2. Phendula umbuzo ube mNYE kwicandelo ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi obuzwe ngalo.
4. Qala iCANDELO ngaliNYE kwiphepha elitsha.
5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo-njalo), hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe phambi kokubhalwa kwetekisi nganye.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo.  
Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-
  - 80 kwiCANDELO A.
  - 40 kwiCANDELO B
  - 30 kwiCANDELO C.
8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.
9. Nika iimpendulo nganye isihloko esichanekileyo. QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
10. UBUDE BEEMPENDULO:
 

ICANDELO A:	Izincoko- Bhala isincoko esili-190–240 amagama.
ICANDELO B:	Imihlathi emide- Bhala ama-80–100 amagama. [umxholo kuphela]
ICANDELO C:	Imihlathi emifutshane- Bhala ama-60–80 amagama. [umxholo kuphela]
11. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

**ICANDELO A: IZINCOKO****UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-190–240. Apho ungasinikwanga khona isihloko sinike. Khumbula ukuYILA.

- |     |   |             |
|-----|---|-------------|
| 1.1 | Loo mini ndingathi yayiyimini yam.  | <b>[50]</b> |
| 1.2 | Ubomi ngaphandle kombane  | <b>[50]</b> |
| 1.3 | Endizimisele ukukwenza ngetalente yam.  | <b>[50]</b> |
| 1.4 | Abantwana mababukele umabonakude phantsi kweliso labazali.  | <b>[50]</b> |
| 1.5 | Mabavunyelwe bavote abantwana abaneminyaka eli-16.  | <b>[50]</b> |
| 1.6 | UMzantsi Afrika udinga umongameli omtsha.   | <b>[50]</b> |
| 1.7 | Funda le mifanekiso ingezantsi ubhale isincoko ngalowo uwukhethileyo. Sinike isihloko isincoko eso. |             |

1.7.1



[Uthathwe: [kuwww.toopen.com](http://kuwww.toopen.com). waze wahlelwa] **[50]**

1.7.2

[Uthathwe: [www.minicklaw.com](http://www.minicklaw.com). waze wahlelwa] [50]**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

**ICANDELO B: UMHLATHI OMDE****UMBUZO 2**

Khetha umhlathi omde ube mNYE kuphela. Bhala ama-80–100 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathi lowo. Khumbula ukuYILA.

**2.1 ILETA EYA KUMHLELI**

Bhala iletsha eya kumhleli malunga nokufumana kwabantu iimpepha zokuqhuba bengazifundelanga, benyoba.

**[30]****2.2 I-OBHITSHUWARI**

Bhala iobhitshuwari yemvumi eyaziwayo.

**[30]****2.3 INGXELO**

Bhala ingxelo yendibano ibiyenziwe ziinkokeli zolutsha zePhondo ohlala kulo ebimalunga nokuxhotyiswa kolutsha ngeendlela zokuziphuhlisa.

**[30]****2.4 INGXOXO YABABINI**

Abafundi ababini ababoni ngasonye malunga nokwensiwa komdaniso wabafundi bematriki ezikolweni. Bhala ingxoxo ephakathi kwaba bafundi malunga nalo mba.

**[30]****AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

### UMBUZO 3

Khetha umhlathi omfutshane ube mNYE kweli CANDELO. Umhlathi lowo ube ngamagama angama-60–80 ubude. Khumbula ukuYILA.

#### 3.1 IFLAYA

Ningabafundi bebanga le-11 nineenjongo zokwenza imali yokuthengela isikolo senu isipho xa nikwibanga le-12.

Bhala Iflaya ubhengeze izinto eniza kuzithengisa.

[20]


#### 3.2 UNGENISO KWIDAYARI

Bhala ungeniso lwedayari lweentsuku ezine ngexesha ubuhambe ngenqanawe usiya kwiholide ePortuguese Island.

[20]

#### 3.3 IZALATHISI

Umhlobo wakho useOne Arts Plaza ufunu ukuza kuwe eDallas Art Museum. Bhala izalathisi umalathise indlela eza kuwe eDallas Art Museum esebenzisa le mephu ingezantsi.



[20]

[Ithathwe: [www.dallasopera.org](http://www.dallasopera.org). yaze yahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO C:** 20  
**AMANQAKU EWONKE:** 100